



# *Eyona Ndlwane Ibalaseleyo*

Le ncwadi yeka

---









*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit [bookdash.org](http://bookdash.org).*

*Eyona Ndlwane Ibalaseleyo  
(The Best Nest)*

Illustrated by Megan Vermaak

Written by Crystal Warren

Designed by Ashlyn Atkinson

Edited by David Mann

Translated by Sindiswa Mbokodi

with the help of the Book Dash participants in the Virtual Book Dash on 18 September 2021.

ISBN: 978-1-77632-434-7

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (<http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

**Attribution:** You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.

**No additional restrictions:** You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.

**Notices:** You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.

**No warranties are given.** The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.






# Eyona Ndlwane Ibalaseleyo

Megan Vermaak

Crystal Warren

Ashlyn Atkinson





UNtak'eMzuba ukruqukile. "Ndidiniwe yile  
ndlwane," utsho.

"Sidinga ikhaya elitsha."





**“Ukuba uyanyanzelisa,” utsho uNtak’eMdaka.**

**“Kodwa andishukumi ngaphandle kokuba indlwane entsha ibe ibhetele kunale sinayo ngoku.”**

**“Owu ewe,” utsho uNtak’eMzuba.**

**“Iya kuba yindlwane entle kakhulu.  
Ndiya kufumana eyona ndlwane yakha yabalasela!”**












“Jonga le ndlwane intle kangaka! Ithambile  
imfum-mfum.  
Yaye elowo kuthi anganebhedi yakhe yedwa.

Le yeyona ndlwane isilungeleyo.”





# Kodwa ayinjalo!









“Jonga le ndlwane intle kangaka. Iqaqambile  
yaye imibala-bala.

Le yeyona ndlwane intle kakhulu.”





**Kodwa ayinjalo!**











**“Jonga le ndlwane ikhazimlayo. Bona indlela  
ekhazimla ngayo.**

**Le yeyona ndlwane ifanelekileyo okwangoku.”**





Kodwa ayinjalo!










“Jonga le ndlwane inkulu!  
Ide inocango lwayo.

Le yeyona ndlwane ibalaseleyo  
kuzo zonke.”











**Kodwa ayinjalo!**





“Jonga le ndlwane.  
Bona indlela eyakhiwe kakuhle ngayo.  
Le yeyona ndlwane eyakha yabalasela.”







**“Ewe, injalo,”**  
utsho uNtak’eMdaka.







